

It's holiday time!

The school year is almost over and soon it will be that time of year when most of us are able to spend more time than usual with family and friends. It's time for that long-awaited end-of-year break. That time of year when we can all slow down a bit, relax and spend time doing more of the things we enjoy.

Hopefully, one of things you enjoy doing is reading! Even if you don't get much time to read during the rest of the year, the December holiday offers a great opportunity to spend time with a good book or two. What's more, as you read, you'll be providing a positive example for your children!

When your children see you relaxing with a book, they learn that reading is something you do for pleasure. They learn that reading is something that can be done for leisure. And so, without even trying to, you are being a powerful reading role model for your children and helping them to become lifelong readers.

Often there are also a lot of celebrations around this time of the year. As adults, there are times when we think back to how we experienced these celebrations as children. That means that we have stories to tell! Have you ever thought about sharing these stories about your childhood with your children? Stories help them to develop their imagination and creativity. They help them to develop their language and thinking. And, sharing the stories of your childhood, helps to connect the generations of your family. These stories give children a sense of where they come from and who they are.

The holidays also mean that we have more time to spend with our children – and this is a real reward for them. We have time to spend reading their favourite stories to them, and finding new ones to enjoy too. We also have time to do other fun reading and writing activities that connect with their interests. (You can find some activity ideas for making reading and writing part of your family's holiday fun on page 3.)

Whatever you do and wherever you will be this holiday season, relax and have a fabulous, story-filled holiday!

Lixesha leholide!

Unyaka wokuqhubeka kwesikolo sele uza kuphela ukuze kwakamsinyane kufike ixesha lonyaka apho uninzi lwethu lukwaziyo ukuchitha ixesha elithe chattha kwelesiqhelo sikunye neentsapho zethu kwakunye nabahlobo bethu. Lifikile ixesha lokuphumla lasekupheleni konyaka ebekukudala lilindiwe. Elo lixesha lonyaka apho thina sonke sinokuthi chu kancinane, siphumle, sichithe ixesha sisenza izinto eziliqela esizithandayo.

Ethembeni lokuba, enye yezinto ozithandayo kukufunda! Nokuba akunaxesha lingako lokufunda ebudeni bonyaka, iholide yenyanga yoMnga ikunika ithuba elihle lokuchithela ixesha encwadini emnandi nokuba zimbini. Ngaphezu koko, xa ufunda, uza kuba ubonisa abantwana bakho umzekelo omhle!

Xa abantwana bakho bekubona wonwabele incwadi, bafunda ukuba ukufunda yinto yokuzonwabisa. Bafunda ukuba ukufunda yinto enokwenziwa ngexesha lokuphola. Ngoko ke, ungadanga wazama nanto ingakanani, ungumzekelo onamandla wokubaluleka kokufunda ebantwaneni bakho kwaye ubanceda ukuba babengabafundi kubomi babo bonke.

Kananjalo iyaxhaphaka nemibhiyozo ngeli xesha lonyaka. Njengabantu abadala, sinamaxesha okucinga emva ngendlela esasiyonwabela ngayo le mibhiyozo xa sasisengabantwana. Oko kuthetha ukuba sinamabali esinokuwabalisa! Ingaba wakhe wacinga ngokwabelana nabantwana bakho ngala mabali exesha lobakho ubuntwana? Amabali abanceda ukuba baphuhlise intelekelelo nengcingane yabo kwakunye nesakhono sokuyila. Kananjalo abanceda ukuba baphuhlise ulwimi lwabo nendlela abacinga ngayo. Kanti ukwabelana ngamabali exesha lakho lobuntwana kunceda ukunxulumanisa izizukulwana zosapho lwakho. La mabali anika abantwana uluvo ngemvelaphi yabo nangabantu abangabo.

Iholide zikwathetha ukuba sinexesha elithe kratya esilichitha nabantwana bethu – kanti sisipho senene ke esi kubo. Sinexesha esinokulichitha sibafundela amabali abo abawathandayo, siphinde sifumanise amatsha abanokuwathanda nawo. Sinalo nexesha lemisetyenzana yokufundela nokubhalela ukuzonwabisa nehambelana nemidla yabo. (Kwiphepha le-3 ungafumana ezinye zezimvo ezingemisetyenzana enokwenza ukuba ukufunda nokubhala kube yinxenye yolonwabo lweholide kusapho lwakho.)

Nokuba wenza ntoni na kwaye nokuba uza kube uphi na kweli xesha leeholide, phumla kwaye ube neholide emnandi nephuphuma ngamabali!



Drive your imagination

Join us in taking the power of stories to the next level. Let's go!

Sijoyine ukuze siwenyusele kwinqanaba elilandelayo amandla amabali. Masiyel



Nal'ibali news

On 31 August 2017, Nal'ibali launched its third annual multilingual storytelling talent search, Story Bosso, at the Soweto Theatre. This contest is run every September to celebrate literacy month.

Two groups of school children who attended the event were treated to entertainment by three South African master storytellers: Gcina Mhlophe, Marc Lottering and Nal'ibali's own Bongani Godide.

Bongani Godide kicked things off with a story that had catchy phrases in it for the audience to join in with. Then it was the turn of Gcina Mhlophe to spark the children's imagination with a lively performance of her favourite folktales.

To help children and adults remember our nation's traditional stories, Nal'ibali had created a set of storytelling playing cards that feature common folktale characters, settings and objects. Marc Lottering showed the audience how to use these cards by choosing a few and then expertly creating his own stories with them on the spot! Then the audience was treated to a special surprise ... together Gcina and Marc made up and sang a song (with only six words in it!) about loving your home language.

After this it was time for the children to use the storytelling playing cards to tell and record their own stories in order to enter the contest and stand a chance of being crowned the 2017 Story Bosso!



Daniel Born

South African storyteller, Gcina Mhlophe, and comedian, Marc Lottering perform together.

Umbalisi wamabali waseMzantsi Afrika, uGcina Mhlophe, nomhleki, uMarc Lottering beseqongeni kunye.

Iindaba zakwaNal'ibali

Ngomhla wama-31 kweyeThupha kowama-2017, uNal'ibali usungule izingelo lwabo lonyaka wesithathu lweetalente zokubalisa amabali ngeelwimi ezininzi, olubizwa ngokuba siStory Bosso, luqhutyelwa kwiQonga leMidlalo laseSoweto. Olu khuphiswano luqhutywa rhoqo ngenyanga yoMsintsi xa kubhiyozelwa inyanga yelitheresi.

Amaqela amabini abantwana besikolo abebizimase eli theko bonwatyiwa ngoomakhwekhwetha baseMzantsi Afrika bababalisi bamabali: uGcina Mhlophe, uMarc Lottering kunye noBongani Godide wakwaNal'ibali.

UBongani Godide watshayeela iziganeko zethoko ngebali elalinamabinzana amagama avus'umxhelo ukuze abaphulaphuli bangenelele. Emva koko yaba lixesha likaGcina Mhlophe owafaka intlantsi kwingcingane neengqikelelo zabantwana ngokubalisa ngodlamko iintsomi zakhe azithanda kakhulu.

Ukunceda abantwana nabantu abadala ukuba bawakhumbule amabali emveli esizwe sethu, uNal'ibali uyile iseti yamakhadi okudlala nokubalisa amabali abonisa abalinganiswa beentsomi abaqhelekileyo, izimo zentlalo nezinto ezikuzo. UMarc Lottering ubonise abaphulaphuli indlela yokusebenzisa la makhadi ngokukhetha amalwa kuwo ze aqambe ngobuchule amabali angawakhe ekunye nabo ngelo xesha ngqo! Emva koko ke abaphulaphuli bonwatyiwe ngommangalis owodwa ... uGcina ekunye noMarc bayile ingoma baze bayicula (enamagama amathandathu nje kuphela!) nermalunga nokuthanda ulwimi lwakho lweenkobe.

Ngoku ke kufike ixesha lokuba abantwana basebenzise amakhadi okudlala nokubalisa amabali ukuze babalise baphinde barekhodishe amabali angawabo ngenjongo yokungenela ukhuphiswano nokufumana ithuba lokuthweswa intshinga yeStory Bosso ka-2017!



Daniel Born

There was time for the children to explore the special storytelling playing cards.

Belikhona nexesha lokuba abantwana baziqhelanise namakhadi okudlala nokubalisa amabali ohlobo olulodwa.



NAL'IBALI ON RADIO!

Tune into the following radio stations to enjoy listening to stories on Nal'ibali's radio show!

Ikwewezi FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.45 a.m.

Lesedi FM on Monday, Tuesday and Thursday at 9.45 a.m.

Ligwalagwala FM on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

Munghana Lonene FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.35 a.m.

Phalaphala FM on Monday to Wednesday at 11.15 a.m.

RSG on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.

Thobela FM on Tuesday and Thursday at 2.50 p.m., on Saturday at 9.20 a.m. and on Sunday at 7.50 a.m.

Ukhozi FM on Wednesday at 9.20 a.m. and on Saturday at 8.50 a.m.

Umlhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday at 9.30 a.m.

X-K FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.00 a.m.



UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Ngena, umamele ezi zikhululo zikanomathotholo zilandelayo ukuze wonwabele amabali kwinkqubo kaNal'ibali esasazwa kunomathotholo!

KuIkwewezi FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.45 kusasa.

KuLesedi FM ngoMvulo, ngoLwesibini nangoLwesine ngo-9.45 kusasa.

KuLigwalagwala FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

KuMunghana Lonene FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.35 kusasa.

KuPhalaphala FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-11.15 kusasa.

KuRSG ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

KuSAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-1.50 emva kwemini.

KuThobela FM ngoLwesibini nangoLwesine ngo-2.50 emva kwemini, ngoMgqibelo ngo-9.20 kusasa nangeCawe ngo-7.50 kusasa.

KuUkhozi FM ngoLwesithathu ngo-9.20 kusasa nangoMgqibelo ngo-8.50 kusasa.

KuUmlhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.30 kusasa.

KuX-K FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.00 kusasa.

10 fun holiday ideas

Here are some activities that incorporate reading and writing to keep your children entertained during the school holidays. The idea is to enjoy yourselves, so use the language/s you and your children feel most comfortable with.



Iimbono ezili-10 zokuzonwabisa ngeeholide

Nantsi eminye imisetyenzana equka ukufunda nokubhala yokugcina abantwana bakho bonwabile ngethuba leeholide zezikolo. Injongo kukuzonwabisa, ngoko ke khethani ukusebenzisa ulwimi/iilwimi enithanda kakhulu ukuzithetha nabantwana benu.

1 Read and listen. Fill your holiday with new stories and old favourites by finding stories to read and listen to on Nal'ibali's website (www.nalibali.org) and mobisite (www.nalibali.mobi). Take a story with you wherever you go! Print them out, or read and listen to them on your computer or your cellphone.

1 Funda uze umanele. Ngxala iholide yakho ngamabali amatsha nangamadala owathanda kakhulu ngokukhangela amabali onokuwafunda nalawo unokuwamamela kwiwebhusayithi kaNal'ibali (www.nalibali.org) nakwimobhisayithi (www.nalibali.mobi). Yiba nebali naphi na apho uhamba khona! Waprinte, okanye uwafunde futhi uwamamele ekhompuyutheni yakho okanye kwiselula yakho.

2 Keep a holiday scrapbook. Recycle unused notebooks or staple some sheets of paper together to create holiday scrapbooks for your children. Encourage them to write about the things they do during the school holidays in their scrapbooks and to draw pictures in them too. They could also include things like tickets from a movie they have seen or the joke from inside a Christmas cracker.



2 Gcina incwadi yokurhoqoza yeholide. Zisebenzise ngokutsha iincwadi zamanqaku ezingasetyenziswanga okanye udibanise amaphepha angabhalwanga ngesiteyipla ukuze wenzele abantwana bakho iincwadi zokurhoqoza zeholide. Bakhuthaze ukuba babhale ngezinto abazenza ngexesha leeholide zezikolo ezincwadini zabo zokurhoqoza ze bazobe nemifanekiso kuzo. Banokuquka nezinto ezifana namatikiti emiboniso bhanya-bhanya abayibonileyo okanye isihlekiso esingaphakathi kwekhreka yeKrisimesi.

3 Create a holiday reading corner. Find a quiet corner in your home and put some pillows, a blanket, children's books and other things to read there. Then spend some time reading stories there with your children. You'll find that they spend time reading there on their own too!

3 Yenza indawo yokufunda yeholide. Fumana indawo ethe cwaka kwikhaya lakho uze ubeke imiqamelo, iingubo, iincwadi zabantwana nezinye izinto zokufunda apho. Ngoko ke chitha ixesha ufunda amabali apho kunye nabantwana bakho. Uya kufumanisa ukuba bachitha ixesha bezifundela apho ngokwabo nabo!

4 Play board games. Many board games involve reading. Have regular board game evenings with friends and family.



4 Imidlalo yebhodi yokudlala. Imidlalo emininzi yebhodi iquka ukufunda. Yiba neenjikalanga zemidlalo yebhodi rhoqo nabahlobo kunye nosapho.

5 Write poems. As a family, spend time cutting out interesting words from newspapers and magazines. Put all these words into an envelope. Without looking, take out five words. Each of you must then write a poem which includes these five words. After you've finished writing, read your poems to each other. You could paste them in a notebook to create a special family poetry collection.



5 Bhala imibongo. Njengosapho, chithani ixesha nisika ze nikhuphe amagama anomdla kumaphephandaba nakwiimagazini. Fakani onke loo magama emvulophini. Ungqionganga, khupha amagama amahlanu. Ingulowo nalowo kuni makabhale umbongo oquka la magama mahlanu. Emva kokuba nigqibile ukubhala, fundelanani imibongo yenu. Ninakho ukuyinamathelisa encwadini engumqulu ukuze niqokelele imibongo yosapho yohlobo olulodwa.



6 Create a poetry tree. Do you have a tree in your garden with low branches? If not, find a small tree branch or large twig and place it in the ground or in a bucket of sand. You will also need small sheets of paper or card, kokis, and wool or string. Spend time copying your favourite poems (or parts of them) and/or poems you have created, on separate sheets of paper or card. Make a hole in a top corner and thread some wool or string through it to make a loop. Hang the poems from the tree and enjoy reading them!

6 Yenza umthi wesihobe. Ingaba unawo umthi onamasebe asezantsi egadini yakho? Ukuba awunawo, khangela isebe lomthi elincinane okanye isetyana elithande ukuba likhulu ulifake emhlabeni okanye e-emeleni enesanti. Kananjalo uya kudinga amaphetshana angabhalwanga okanye amakhadi, iikoki, newulu okanye umtya. Chithani ixesha nikopa imibongo yenu eniyithandayo (okanye iinxenye zayo) kunye/okanye nemibongo eniyiqambileyo, emaphepheni ahlukani siweyo nokuba kusemakhadini. Gqobhoza umngxuma kwikona esemantla yelo phepha uze uwufake iwulu okanye umsonto ukuze wenze irhintyela. Xhoma imibongo yakho emthini uze wonwabele ukuyifunda!

7 Have a pretend party. Let your children have fun imagining who they would invite to a party to celebrate the start of a new year. Then suggest they write party invitations and a menu for their pretend party.

7 Yenza iitheko lesilinganiso. Abantwana bakho mabonwabele ukucinga ukuba bangamema bani na kwitheko lokubhiyozela unyaka omtsha. Emva koko bacebise ukuba babhale izimemo zetheko kunye nemenyu yokutya ukulungiselela iitheko labo lesilinganiso.

8 Follow a recipe. With your children, follow a recipe for something you have not made before. Remember to read the recipe aloud as you go – or ask your children to do this. Let them help you gather the ingredients, mix and stir.



8 Landela iresiphi. Wena kunye nabantwana bakho, landelani iresiphi yento ongazange wakhe wayenza ngaphambili. Khumbula ukuyifunda ngokuvakalayo iresiphi leyo xa uyisebenzisa – okanye cela abantwana bakho ukuba bakwenze oku. Mabakuncedise ngokuqokelela izithako, ngokuxuba nangokuzamisa.



9 Play a guessing game. Give your children a clue to something near you and see if they can guess what it is. For example, "It is white and has a door. It keeps things cold." (Answer: the fridge.) Take turns giving the clues and guessing.

9 Dlalani umdlalo wokuqashisela. Nika abantwana bakho umkhondo ngento ekufutshane kuwe ukuze ubone ukuba bangakwazi kusini na ukuqashisela ukuba yintoni. Umzekelo, "Imhlophe kwaye inocango. Igcina izinto zibanda." (Impendulo: yifriji.) Bolekisanani ngamathuba okunika umkhondo nawokuqashisela.

10 Create a new ending. Let your children create a different ending for one of their favourite stories by adding a new character or event to the story. Suggest that they draw pictures that capture their new ending and then they can use these as they retell the story.



10 Yilani isiphelo esitsha. Abantwana bakho mabayile isiphelo esahlukileyo selinye lamabali abo abawathandayo ngokongeza umlinganiswa omtsha okanye isiganeko esithile ebalini. Bacebise ukuba bazobe imifanekiso ebonisa isiphelo sabo esitsha ukuze emva koko bayisebenzisele ukubalisa ibali ngokutsha.



Drive your imagination



Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep picture books, *How Dassie missed getting a tail* (pages 5, 6, 11 and 12) and *The best thing ever* (pages 7, 8, 9 and 10), as well as the Story Corner story, *Mulalo and the giant* (page 14). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.



How Dassie missed getting a tail

A kind lion king wants to make his subjects even happier than they are, so he lets them each choose a tail. All the animals, except Dassie, travel to the palace to choose a tail. Dassie asks his friends to fetch his tail for him.



- ★ Discuss these questions with older children.
 - ✿ Do you think that it was wrong of Dassie's friends to forget to ask for a tail for him? Why/why not?
 - ✿ If you were Dassie, would you have done what he did, or would you have gone to fetch your own tail? Why?
- ★ Use newspaper, string, paint and pegs to make some of the different animal tails in the story. Then hang the tails on a washing line (or a long piece of string) and see if everyone can guess which animals in the story each tail belongs to.
- ★ Write a play using the text from the story – then perform it with family and/or friends!

The best thing ever

Muzi loves to build things with his toys. But when he leaves his toys behind to travel to Gogo's house, he discovers something very special about the world. And he learns something new about himself.



- ★ As you read the book together, talk about the pictures. Here are some questions you could ask, or comments you could make.
 - ✿ **page 2:** What do you think Muzi was building with? To me, it looks like he's made a tall building. What do you think it looks like?
 - ✿ **page 3:** What do you think Muzi used to build the shelter? Look! It's broken. How do you think that happened?
 - ✿ **pages 6 and 7:** That man's trolley looks very full! What can you see in it? What do you think he's going to do with all of those things?
 - ✿ **pages 8 and 9:** Can you tell what Muzi's idea is?
 - ✿ **pages 10 to 13:** Muzi found a lot of things! Can you see what they are?
- ★ Encourage your children to use scrap materials and/or natural materials to build something.
- ★ Children love making shelters for themselves! Suggest that they use blankets, pillows, chairs and anything else they need to build a shelter for themselves – and then they can play and read inside their shelter!

Mulalo and the giant

Mulalo is friends with all the animals in the bushveld. One day he is out walking when a mean giant sits down in the road and won't move to let Mulalo pass. The giant finds out that he has a few things to learn about the value of friendship.



- ★ Talk about the story with your children. Together discuss questions like these.
 - ✿ Why do you think the giant had no friends?
 - ✿ Would you have been friends with him if you had met him sitting in the road?
 - ✿ Mulalo says that friends help each other. Do you think that he is correct?
- ★ Encourage your children to write a letter to the giant explaining what they think he should do – as well as what he shouldn't do – if he wants to have friends.
- ★ Mulalo was friends with all the animals. Suggest that your children draw a picture of themselves with their friends.

Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye iingcebiso ezingokusebenzisa iincwadana ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, uKwathini ukuze imbila iswele umsila, (okwiphepha le-5, ele-6, ele-11 nele-12) kunye noEyona nto inomfaneleko (okwiphepha le-7, ele-8, ele-9 nele-10), kwakunye nebali leNdawo Yamabali, uMulalo nesigebenga (okwiphepha le-15). Khetha ezo mbono zihambelana nobudala kunye nemidla yabantwana bakho.

Kwathini ukuze imbila iswele umsila

Ukumkani onobubele oyingonyama ufuna ukonwabisa abantu bakhe ngakumbi, nangaphezu kokuba sele bonwabile, ngoko ke ubavumela ukuba elowo nalowo kubo azikhethele umsila. Zonke izilwanyana, ngaphandle kukaMbila, ziyahamba ziye apho komkhulu, ukuya kukhethe umsila. UMbila wacela abahlobo bakhe ukuba bamphathele umsila wakhe.

- ★ Xoxa ngale mibuzo nabantwana abadadlana.
 - ✿ Nicinga ukuba abahlobo bakaMbila benza into engalunganga ngokulibala ukumcelela owakhe umsila? Kutheni kunjalo/kutheni kungenjalo?
 - ✿ Ukuba wena wawunguMbila, ngowawuyenzile le nto wayenzayo, okanye ngowawuzilandele ngokwakho umsila wakho? Kutheni?
- ★ Sebenzisani iphephandaba, umtya, ipeyinti neephegi ukwenza eminye yemisila yezilwanyana ezahlukeyo ebalini. Emva koko ke xhomani imisila elucingweni lweempahla (okanye emtyeni omde) ukuze nikhangele ukuba ingaba wonke umntu uyakwazi na ukuqashisela ukuba umsila ngamnye ngowesiphi na isilwanyana.
- ★ Bhala umdlalo ngokusebenzisa itekisi evela ebalini – emva koko wudlaleni eqongeni loo mdlalo kunye nosapho kunye/okanye nabahlobo bakho!

Eyona nto inomfaneleko

UMuzi uyakuthanda ukwakha izinto ezithile ngezinto zakhe zokudlala. Kodwa xa ezishiye ngasemva ezo zinto ngethuba enohambo oluya kwaMakhulu wakhe, ufumanisa into eluhlobo olulodwa malunga nehlathi. Kanti uphinda abe nento entsha ayifunda ngesiqu sakhe.

- ★ Lo gama nifunda incwadi kunye, ncokolani malunga nemifanekiso. Nantsi eminye yemibuzo onokuyibuza, okanye amagqabantshintshi onokuwenza.
 - ✿ **kwiphepha le-2:** Nicinga ukuba wayesakha ngantoni uMuzi? Kum, kukhangeleka ngathi wakhe isakhiwo esiphakamileyo. Nicinga ukuba sibukeka njani?
 - ✿ **kwiphepha le-3:** Nicinga ukuba uMuzi usebenzise ntoni ukwakha ikhusi? Khangelani! Laphukile. Nicinga ukuba kwenzeke njani oko?
 - ✿ **kwiphepha le-6 nele-7:** Itroli yale ndoda ibukeka iphuphuma! Nibona ntoni kuyo? Nicinga ukuba iza kwenza ntoni ngazo zonke ezo zinto?
 - ✿ **kwiphepha le-8 nele-9:** Ningayixela ukuba yintoni ingcingane kaMuzi?
 - ✿ **kwiphepha le-10 ukuya kwele-13:** UMuzi ufumene izinto ezininzi kakhulu! Niyakwazi ukubona ukuba zinto zini ezo?
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba basebenzise izinto ezilahliweyo kunye/okanye izinto ezisendalweni ukwakha okuthile.
- ★ Abantwana bayathanda ukuzenzela amakhusi! Bacebise ukuba basebenzise iingubo, imiqamelo, izitulo kunye nayo nayiphi na into abayidingela ukuzakhela ikhusi ngayo – ukuze badlale baphinde bafunde ekhusini labo!

UMulalo nesigebenga

UMulalo ungumhlobo wazo zonke izilwanyana zasendle. Ngenye imini wayehamba endle phaya, xa isigebenga esineengcwangu sasuka sahlala phantsi endleleni, asavuma ukushukuma ukuze uMulalo adlule. Isigebenga sifumanisa ukuba kukho izinto ezimbalwa esifanele ukuzifunda ngokuxabiseka kobuhlobo.

- ★ Thetha ngebali nabantwana bakho. Xoxani kunye ngemibuzo efana nale.
 - ✿ Nicinga ukuba kutheni sasingenabahlobo nje isigebenga?
 - ✿ Beniya kuba ngumhlobo waso ukuba benidibene naso sihlali endleleni nina?
 - ✿ UMulalo uthi abahlobo bayancedana. Nicinga ukuba unyanisile?
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba babhalele isigebenga ileta, basichazele oko bacinga ukuba sifanele ukukwenza – ngokunjalo nento esingafanelanga ukuyenza – ukuba sifuna ukuba nabahlobo.
- ★ UMulalo wayengumhlobo wazo zonke izilwanyana. Cebisa abantwana bakho ukuba bazobe umfanekiso wabo benabahlobo babo.

Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.




Drive your imagination

Rhogo ebona omnye wabahlobo bakhe abaninzi unkabi, ebewavula omabini amehlo akhe aphakamise nentloko le, akhawaze esithi: “We-cena, Mhlobo wami! Awungendincedi na undiphathele owam umsila?” “Kulungile!” ngamnye umhlobo ofumana esi sicelelo uvumela phezu. Uvumela phezu phofu atsho edlula ngomtsheko tsho. Yayingumtyangampo umngcelele oya kwakumkani, kodwa endleleni izicaka ezithembekileyo zikakumkani, zazilinde ziphe the izimuncununcu zokuxhasa elo hlokomdiba liya kuzuza umsila. Imini yonke, ukumkani wayenika abantu bakhe abavuyayo umsila. Isilo ngasinye, esifika etafileni, apho umsila ibifunjwe khona, ukumkani asibuze athi: “Ngomjani na umsila ongakonwabisa ngokwene?” “Owu, Kumkani wam, njengoko ndingogwencela emithini ndikhawulezile,” wabharhuma watsho uHosi, “uMhleka? omhle akangendenzeli inceba na andiphe umsila owomeleleyo nolugqajolo ubude?” Wawuphiwa. KuQwarha, wathi ukumkani, “Njengoko umigcane nje, ndiza kukunika umsila onemigca!” Indlela awavuya ngayo uQwarha akuwubona loo msila. Yena uNkawu wacele umsila osisandla sesithathu sokuncedisana nezi anazo, “Kaloku xa ndilakatyula ndiqakatha, ndithi ndikulo umthi ndibe ndikulowa, ndidinga into yokuncedisana nezi zandla zam zibini.” uNkawu wanikwa ugqajolo lomnsila othambileyo, nto leyo yamonwabisa kangangoko uNkawu. Imini yonke, ukumkani wanika abantu bakhe umsila, iziganyonyo neempuntuntswana. Ngasinye, ngasinye, izilwanyana zenza umngcelele zidlula ngakukumkani wazo. Ngasinye, ngasinye, iseso sazecelela umsila esikholwa nguwo: emifutshane nemide, efukufuku, umsila egudileyo nenyubelele. Umsila eyomeleleyo, eqinileyo nethambileyo, negobekayo ... zayifumana yonke. Zonke izilo zayithanda kunene imisila eziyiphive ngukumkani. “Sonke siTaneleke ngokwene,” waphayisa uNdllovu omkhulu, owayelumkile, wazecelela umsila omncinane.

When he saw one of his many friends, he lifted his head, opened both eyes and said: “Why, friend, would you be kind enough to bring me a tail?” “Sure!” each friend replied and hurried on their way. The queue at the palace was long and straggly, but all along the line, waited the king’s servants with snacks and water to quench the thirst of the candidates for tails. That whole day, the king gave tails to his delighted subjects. As each came to the table, where all the tails lay in a heap, the king asked: “What kind of tail will make you happiest?” “As I run so fast and climb up trees, my king,” growled Leopard, “will it please Your Majesty to give me a long, strong and sturdy tail?” And it was granted. To Zebra, the king said, “With your stripes, you will get a striped tail!” Zebra was extremely delighted with the tail he got. Monkey asked for a tail long enough to use as a third hand, “For when I leap from tree to tree. I need all the help a third hand can give.” Monkey was granted a long, pliable tail, and this made Monkey very happy indeed. All through the day, the king gave tails to his subjects, big and small. One by one, the animals filed past the king. One by one, they asked for tails that would please them: short tails, long tails, bushy tails, and smooth and slinky tails. Strong, sturdy tails and soft, pliable tails ... they got them all. And they loved the tails the king gave them. “We all look really regal,” huffed gigantic Elephant, who had wisely asked for a tiny tail.

All was well in the big, big forest.
The king of the animals was very happy;
his subjects were happy and they
served him very well indeed.
They served him so well that the king
asked himself: “My, my, what can I do
to make my people happier still?”
But one of the animals misses out.



Trading as **New Africa Books**

This version of *How Dassie missed getting a tail* has been specially adapted for use in the Na’ibali Supplement. The published storybook, *How Dassie missed getting a tail*, is available in English, Afrikaans, Xhosa, Zulu, Sepedi, Sesotho, Ndebele, Xitsonga, Siswati, Tshivenda and Setswana from Exclusive Books, Bargain Books and all good bookstores countrywide.

Na’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi




UNa’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



How Dassie missed getting a tail

Kwathini ukuze imbila iswele umsila




Sindiwe Magona
Nicole Blomkamp



All was well in the big, big forest. The king of the animals was very happy; his subjects were happy and served him very well indeed. They served him so well that the king asked himself: “My, my, what can I do to make my people happier still?”

His paw went to his head and his eyes grew smaller and smaller still. You see, the king was hard at work, thinking about this new problem: what he could do to make his subjects even happier than they were. At last, he gave up and called his councillors to a meeting.



Wahlasimla yena uMhlelezi uNdlovu “I-iiyho-oo! Ziyakushiya kaloku iingqondo wakuma phambi kokumkani, ungakhumbuli nto. Kuloo meko ke ngubani ongakhumbula izinto aziyalezwe ngomnye umntu?”

Isiaramana esinguMbila, kude kube nanamhla oku, asikabi nawo konke umsila. Wethu, ungakhe uqhathwe sesiya sijungqwana sisemva phaya kuye. Ngamafutha nje lawo awagcine ukuze bambi bacinge ukuba unawo naye umsila ... isijungqwana somsila.

Phofu ke nyhani akufani nokuba abe ngunoplatana womtshebelele. Hayi, akufani nokungabi nanto kwaphela. Akufani ... Uzithuthuzela ngelo ke yena uMbilazana.

Ngeligeni, ekugqibeleni, yada yafika imini ebe ikade ixelwa. Ngomsobomvu, abantu babesele befole kade. Lindembелеle zezixhaphothi zezilo kanti neempuntuntswana, zonke zazenze umngelele, imibombo ziyibhekise Komkhulu. Wayelapho uNdlamthi, noHlosi kanti noNdllovu, singawulibali uMkhombe, noNgwe, noNkawa, uBhada kunye noQaga. Yhoo! Ndingababala njani ooNgwenya, uQwarha, uMvubu noCikilishhe? Wayelapho uHagwana. Kanti noNkabi noHase; uMbongolo noNkomo. Zonke izilwanyana zehlathi zazilapho. Zonke, zonke ngaphandle koMbila.

Loo mfokazi wayezingxale ngesidlolokazi ngobusuku obudlulileyo; ngoku unjalo ke ukugunjelwa sisisu. Ubudinwa nokudinwa unkabi. Kodwa eyona nto imongameleyo kukongena. “Ndiya kusuka ndicele omnye wabahlobo bam andiphathcele mna owam umsila,” wazixelela watsho.

Wenza kanye leyo ke umfomkhulu. Nanko yena equngquzulile. Ungqengqeng ngomqolo apha emnyango womngxuma wakhe aze amane ukugxeshisa ngeliso elinye, nalo elo elivule kancinci phofu ukuze abone konke okughubekayo. Wayebukele loo mngcelele wawudlula usunge Komkhulu.

The animals preened and gloated, bragged and teased one another about their tails. They also feasted, danced and sang, and drank ginger beer to their heart's content.


When the rays of the sun grew long and thin, and the shadows grew long and longer still, the animals remembered their caves and burrows. Each animal wanted to get home.

Still singing happily, giddy with delight because of their new tails, the animals began to make their way home. All through the night, singing and dancing, the animals made their way home with their tails up in the air.


But not even one of them had remembered to ask the king for a tail for poor Dassie. No one had asked for that tail.

